ISIHLOMELO A:

Isikhokelo sokuthintela izitenxo nezohlwayo ezisebenzayo kwizitenxo:

1. Iiselula

1.1 *ISetyhula 0011/2015*, yowe-12 Matshi 2015, ikhankanya le nkqubo kunikwe ingcombolo ngayo emayilandelwe xa umviwa efunyenwe neselula ngethuba loviwo.

1.2 Kwimeko apho iselula ifunyaniswe iqulethe oko kungagunyaziswanga, loo mviwa uchaphazelekayo uya kuthathelwa inyathelo lokuba iziphumo zesifundo/zephepha elo zibhengezwe njengezililize nezingasebenziyo (*declared null and void*). Kwimeko enjalo umviwa unokuvalwa ekubhaleni uviwo lweSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*National Senior Certificate*) (*NSC*) ithuba leminyaka emithathu.

2. Ukususwa kwencwadi yeempendulo kwindawo yokubhalela uviwo

2.1 Kucetyiswa ngamandla ukuba bonke abaviwa bahlale bangaphumi kwindawo yokubhalela uviwo kangangelo thuba lipheleleyo lokubhalwa koviwo. Oku kuya kuthintela ukususwa (*removal)* kweencwadi zeempendulo kwindawo yokubhalela uviwo ngabaviwa abaphuma phambi kwexesha kwindawo yokubhalela uviwo. Ngaphezu koko, oku kuya kuvumela kwakhona bonke abaviwa ukuba babe nexesha elininzi lokubhala iimpendulo zabo ngaphandle kokuphazanyiswa. Sifuna ukukhuthaza izikolo ukuba zenze oku ngexesha lemviwo zikaSeptemba zokuzilungiselela.

2.2 Ukuphelisa nya isitenxo sabaviwa abaphumayo kwindawo yokubhalela uviwo neencwadi zeempendulo okanye nesihlomelo soviwo, makulandelwe le nkqubo ilandelayo:

a) Umgadi wabaviwa oyintloko makakhuphe umgadi wabaviwa abe mnye ngabaviwa abayi-30 kwindawo yokubhalela uviwo ukwenzela ukuba umgadi wabaviwa abe nako ukuqwalasela ngqo boyi-30 abaviwa phambi kokuba baphume kwindawo yokubhalela uviwo.
b) Abagadi babaviwa mabaqokelele zonke iincwadi zeempendulo ezikwiidesika zabaviwa.

c) Umgadi wabaviwa makaqale athathe incwadi yeempendulo yaye aqinisekise ukuba isihlomelo (ukuba siyinxalenye yoviwo) sifakwe kwincwadi yeempendulo kuze kuthi emva koko kuvunyelwe umviwa ukuba asayine irejista yokulawula iincwadi zeempendulo.

d) Kukhuthazwa izikolo zicele abaviwa ukuba bashiye amaphepha emibuzo yabo kwindawo yokubhalela uviwo ukuze baphume kwigumbi lokubhalela uviwo bephethe iileta ezibanika imvume yokubhala uviwo (*admission letter*s) kuphela.

2.3 Kwimeko apho umviwa aphumayo kwigumbi lokubhalela uviwo nencwadi yeempendulo okanye nesihlomelo aze aphinde abuye naso emva kokuba ebephumile kwindawo yokubhalela uviwo, elo phepha lomfundi liya kuthathwa njengento elilize nengekhoyo okanye linikwe amanqaku angu-"0" ngeso sihlomelo.

3. Okungagunyaziswanga okuphethweyo

3.1 Abagadi babaviwa kufuneka babanqande abaviwa bangangeni kwindawo yokubhalela uviwo bephethe iileta ezikwiisilivu zeplastiki. Abanye abaviwa baye bafunyaniswa bephethe oko kungagunyaziswanga kwiisilivu zeeplastiki ngethuba lokubhalwa koviwo lwe*NSC* ngo-2016. Abaviwa baye benza ibango lokuba bakhusela ileta yemvume yokubhala uviwo kwindawo yokubhalela uviwo ngokusebenzisa kwabo iisilivu zeeplastiki kodwa bachaza ukuba balibala ukususa iinowuthsi kwezi silivu zeeplastiki.

3.2 Kwimeko apho umviwa afunyaniswa ephethe okungagunyaziswanga kwindawo yokubhalela uviwo, loo mviwa uchaphazelekayo kuya kubhengezwa iziphumo zakhe zesifundo/zephepha elichaphazelekayo njengezililize nezingasebenziyo. Kwimeko enjalo umviwa unokuvalwa ekubhaleni iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*National Senior Certificate*) (*NSC*) ithuba leminyaka emithathu.

4. Ukukopa

4.1 Abaviwa kufuneka bakhunjuzwe kwasekuqaleni kweseshoni nganye yoviwo ukuba ukukopa sisitenxo soviwo (*examination irregularity*). Makulandelwe le nkqubo ilandelayo kwimeko apho abaviwa befunyaniswe bekopa ngethuba loviwo:

(a) Umgadi wabaviwa makasuse incwadi yeempendulo zoviwo yomviwa lowo aze abhale igama elithi, *"IRREGULARITY"* kumphandle womphambili wekhasi elingaphezulu (*outside cover page*) wencwadi yeempendulo kwakunye nohlobo/nobume besitenxo, umhla nexesha.

(b) Umgadi wabaviwa kufuneka emva koko akhuphele umviwa incwadi yeempendulo entsha. Le ncwadi yeempendulo kufuneka kwakhona ibhalwe la magama athi, "*NEW ANSWER BOOK*", umhla nexesha lokukhutshwa kwencwadi yeempendulo leyo.

(c) Umviwa kufuneka ayazi inyaniso yokuba ithuba lokuvunyelwa kwakhe ukuqhubeka noviwo akunanjongo yokukhuthaza ukuba makaphule imimiselo yoviwo, kwanokuba kuya kungeniswa ingxelo eyincwadi ebhaliweyo kwiSebe leMfundo leNtshona Koloni lusakugqitywa uviwo.

(d) Umgadi wabaviwa makangavumeli naliphi na ixesha elongeziweyo ukubuyisa ixesha ekuphulukwene nalo ngethuba bekusaqwalaselwa yaye kusetyenzwa ngesitenxo soviwo.

4.2 Abaviwa abafunyaniswe bekopa, iziphumo zabo kwiphepha elo ziya kubhengezwa njengezililize nezingasebenzisiyo yaye basengavalwa ekubeni babhale uviwo lwe*NSC* ithuba leminyaka efikelela kwemithathu.

5. Ukufunyanwa nokugcinwa ngokunqatyisiweyo kwamaphepha emibuzo oviwo

5.1 Usakuba ufumanekile umthwalo wamaphepha emibuzo yoviwo, iinqununu/abaphathi beesekethe kufuneka batshekishe ukuba zonke iibhokisi/iibhegi njengoko zibhaliweyo kwiilisti zokuzisiweyo nokuphakhejiweyo zifumanekile. Emva kokutshekisha ukuba zonke iibhokisi zeeseshoni zomthwalo wamaphepha othile zifunyenwe, iinqununu kufuneka ziqinisekise ukuba iibhokisi zeeseshoni zigcinwe ngokucwangcisiweyo kwigumbi elinqatyisiweyo. Kufuneka kulandelwe imiyalelo yengcaciso emfutshane yeCandelo loLawulo leeMviwo 0007/2016 emalunga nokugcinwa ngokunqatyisiweyo kwamaphepha emibuzo.

5.2 Inqununu okanye umphathi ziko unoxanduxa lokugcinwa ngokukhuselekileyo kwesitshixo segumbi elinqatyisiweyo. Indawo ekubekwa kuyo isipere sesitshixo kufuneka ibhalwe ize isayiyinwe ngumgcini sitshixo wokuqala (inqununu/umphathi weziko/ ibambela) nangumgcini sitshixo wesibini (iofisi yesithili/inqununu yesikolo esikufutshane/ipolisa, njalo njalo). Uxwebhu lwesivumelwano lakuthunyelwa ezikolweni ngeNgcaciso eMfutshane yesebe leMfundo leNtshona Koloni.

5.3 Kucelwa ufunde iNgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo 0013/2016 malunga nenkqubo echanekileyo yokuvulwa kwamaphepha emibuzo kwiseshoni nganye.

5.4 Umgadi wabaviwa oyintloko makakhuphe umgadi wabaviwa abe mnye ngenani labaviwa abayi-30 kwindawo yokubhalela uviwo ukwenzela ukuba umgadi wabaviwa abe nako ukubaqwalasela ngabanye boyi-30 abaviwa. Amaphepha emibuzo makanikwe abaviwa ngokuhambelana neeleta zolwamkelo kuviwo yaye akufunekanga ashiywe engahoywanga ngumntu ezidesikeni. Abagadi babaviwa kufuneka babe nononophelo olulodwa xa bekhuphela umviwa ofike emva kwexesha iphepha lemibuzo kwindawo yokubhalela uviwo.

5.5 Amagosa angayilandeliyo imigaqo nemimiselo yokuqhutywa, ukusingathwa nokulawulwa kweemviwo ze*NSC*, baya kucelwa baye kwiintlanganiso zoluleko ukuqinisekisa ukuba intembeko yoviwo ilondoloziwe.